



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2017**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam linamaphepha asi-10.**

**QAPHELA**

- **Le memorandam yenzelwe ukuba ibe sisikhokelo kubamakishi.**
- **Ayenzelwanga ukuba ibe ngummiselo ogqibeleleyo.**
- **Impendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.**
- **Impendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.**
- **Immemorandum iya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.**

**IMIYALELO KUBAMAKISHI****Umakisho Iwesicatshulwa sokuqonda:**

Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. limposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.

Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.

**Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makasha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

Iiwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

**ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA****UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

- 1.1 Kukuba ashumayele iindaba ezilungileyo✓/kukuba ihlabathi lonke libe nobudlelwane ngembalelwano✓/kukuba ihlabathi limazi.✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.2 Bubungqina bokuba xa sifunda ezimbalini siphawula ukuba kwaqala kwafundiswa izinto zantathu ehlabathini, ukubhala kwakuyenye yazo.✓✓ (2)
- 1.3 Ukubhala lisango layo yonke imfundo esinayo namhla.✓✓ (2)
- 1.4 Ixhego libonisa ngokuthi noxa lingazanga laya esikolweni likubone ukubaluleka kokwazi ukubhala lithabathe inkxamleko yokuba lifundiswe oku kokubhala igama lalo.✓✓ (2)
- 1.5 Kunceda ngokuba izihlobo nezizwalana zisoloko zisemehlwani noxa singaziboni ngeliso lenyama.✓✓ (2)
- 1.6 Kukuba kuyo yonke into ebhalwayo kuya kufuneka afune omnye umntu ofundileyo ukuze ayiqonde.✓✓ (2)
- 1.7 Yenza ilizwe libe yinto encinci efikelelekayo.✓✓ (2)
- 1.8 Umntu uye afune, afumane umsebenzi ngembalelwano kwiindawo ezikude engadanga wathabatha inkxamleko yokushiya ikhaya.✓✓ (2)
- 1.9 C.✓/Evuka mva iholwa zizagweba✓/C. evuka mva iholwa zizagweba.✓ (1)
- 1.10 Ewe ndiyayixhasa kuba ngokombhali zonke izizwe ezibhalayo wofumanisa ukuba zezona zinolwimi olugcinakeleyo noluxatyisiweyo.✓✓  
(impendulo zabafundi ezichanekileyo zamkelekile) (2)
- 1.11 Kungokuba umntu akakwazi ukuyikhanyela into angumniniyo ngokuba kukho ubungqina obubhaliweyo.✓✓ (2)
- 1.12 Ukubhala yindyebi yesizwe✓✓/ukubhala nguvimba wembali yesizwe.✓✓  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.13 Ababhali beencwadi bayakwazi ukusakha isizwe ngeencwadi zabo✓ kwabona bayakwazi ukusichitha isizwe basilahlekise siyokweyela.✓ (2)

- 1.14 Kukubonisa ukuba uqale ufunde iincwadi phambi kokuba uthwaliswe isidanga√√/kukubonisa ukuba wakube ufunde iincwadi isiphumo kukuba uthwaliswe isidanga.√√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

- 1.15 lincwadi ezibhaliwego zinefuthe elihle elifana nokuthweswa isidanga nokufumana iziqinisekiso ezinokukuvulela amathuba emisebenzi√√/ukufunda iincwadi ezibhaliwego kukuvulela amathuba emisebenzi.√√

### **OKANYE**

lincwadi ezibhaliwego zinefuthe elibi elifana nokufundisa ulwazi oluyingozi olufana nokusetyenziswa okungalunganga kweziyobisi. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(2)

- 1.16 Isicatshulwa A siphumelele kuba sizivelele zonke iinkalo ezibalulekileyo ngokubhala ezifana neziqhamo zako, ubuhle bokukwazi ukubhala kunye nobubi bokungakwazi ukubhala.√√

### **OKANYE**

Isicatshulwa B asiphumelelanga kuba sibonise kuphela icala elihle lokubhaliwego, asiwavelelanga onke amacala ngokubhala.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(2)

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

**ICANDELO B: USHWANKATHETO****UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI**

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Naziphi na iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe.

(izivakalisi mazinamathelane)

| <b>UCAPHULO</b>   |    | <b>IINGONGOMA</b>   |
|---|----|---|
| 1. 'Kumaxesha amandulo, kusadliwa ngendeb' endala umntu ebelithabatha ixesha lakhe xa ethetha naxa esebenza.'   | 1. | Kudala umntu ebengangxami xa ethetha naxa esebenza.   |
| 2. 'Babenalo ngokwaneleyo ixesha lokuzenzela izinto zabo bengaxheshwa nto okanye mntu.'   | 2. | Babenalo lonke ixesha lokuqoshelisa imicimbi yabo bengangxanyiswa nto okanye mntu.                          |
| 3. 'Umhambi ubexatyisiwe kakhulu kuba kuy'apha bekuncwaswe iindaba zelo cala avela kulo.'   | 3. | lindwendwe bezibaluleke kakhulu kuba bekusezelwa apha kuzo iindaba ezintsha zeendawo ngeendawo ezsuka kuzo. |
| 4. 'Izithuthi ezikhawulezayo bezingekho kuloo maxesha, kuhanjwa ngeenyawo okanye amaqegu.'  | 4. | Mandulo bezingekho izinto zokukhwela ezihamba ngesantya esiphezulu bekuhanjwa ngeenyawo okanye amahashe.    |
| 5. 'Kule mihla siphila kuyo thina ixesha libalulekile kwaye nathi silixabisile.'  | 5. | Kweli xesha sikulo ixesha yecona nto ingundoqo kwaye nathi silihloniphe kakhulu.                            |
| 6. 'Asenzi ngabom, sizifumana sikhimeko esingakwaziyo ukuyilawula.'   | 6. | Ayikokuthanda kwethu ukuba sizibone siphila kwixesha apho kukho izinto esingenakuzitshintsha ngokwethu.     |
| 7. 'Impilo yethu iyenzakala lolu xheshekondini kuba sigqibela sesinezifo: isifo sentliziyo, isifo sokumpontshwa kwegazi ngamandla emithanjeni, ukuqhawuka komthambo wegazi entloko, ukugula ngengqondo, isifo sezilonda ezihlasela isisu namathumbu njalo njalo.' | 7. | Saphukelwa yimpilo ngenxa yokusoloko sixhinile siphele sinezigulo.  |

**UKUBHALWA NGOKOMHLATHI**

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

**UMHLATHI**

Kudala umntu ebengangxami xa ethetha naxa esebenza. Babenalo lonke ixesha lokuqoshelisa imicimbi yabo bengangxanyiswa nto okanye mntu. lindwendwe bezibaluleke kakhulu kuba bekusezelwa apha kuzo iindaba ezintsha zeendawo ngeendawo ezsuka kuzo. Mandulo bezingekho izinto zokukhwela ezihamba ngesantya esiphezulu bekuhanjwa ngeenyawo okanye amahashe. Kweli xesha sikulo ixesha yeypona nto ingundoqo kwaye nathi silihloniphe kakhulu. Ayikokuthanda kwethu ukuba sizibone siphila kwixesha aphi kukho izinto esingenakuzitshintsha ngokwethu. Saphukelwa yimpilo ngenxa yokusoloko sixhinile siphele sinezigulo.

**[70 amagama]**

**AMANQAKU ECANDELO B:** 10

## **Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
  - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikelaza inqaku libe li-1 lolwimi.

## **QAPHELA:**

- **Isakhiwo:**

Nokuba isishwankathelo sakhiwe ngesakhiwo esigwenxa masihlolwe.

- **Ubalo magama:**

- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba umviwa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.
- Izishwankathelo ezifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

## ICANDELO C: ULWIMI NGOKUSEMXHOLWENI

### Umakisho IweCANDELO C:

- Upelo
  - limpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yowlimi ehlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanelekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

- 3.1 Ijoliswe kumlisela nomthnjana√/kulutsha√/kubafana namantombazana.√  
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Xabis'ixesha ukuze nalo likuxabise!.√ (1)
- 3.3 Yiwotshi.√ (1)
- 3.4 Uphumelele kuba umfanekiso wewotshi enomqala unefuthe lokuloba abathengi√/Uphumelele kuba ukusetyenziswa kolwimi olulukuhlayo/Uphumelele kuba oluqweqwedisayo luyabatsala abathengi√/Uphumelele kuba isihloko sesibhengezo naso sitsala abathengi.√/√  
 (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 3.5 Lisetyenziselwe ukulukuhla abathengi.√/√ (2)
- 3.6 B. Ixesha liphelile√/B√/ixesha liphelile.√  
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.7 Isihloko sentengiso sinxulumana ngokuba sithetha ngokuvuswa kwabantu ekuseni, **ibe** intengiso ithengisa iwotshi enceda ukugcina ixesha.√/√  
 (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)  
**[10]**

**UMBUZO 4: UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA**

- 4.1 Ukwalatha ngomnwe umntu athetha naye √/umlomo okhamisileyo.√  
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
- 4.2 D.Ukudelela √/D.√/ukudelela.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.3 Kubonisa ukugxininisa kule nto ayithethayo.√/kubonisa ukuqiniseka kule nto ayithethayo.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.4 Ngumsindo √ kuba bajamelene √/bayacaphuka √ kuba abathethi. √  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.5 Ukusongwa kwezandla kubonisa ukuxakwa √ impendulo ibonisa ukungacacelwa kokuthethwa ngumntwana.√  
(2)
- 4.6 Le khathuni isinika umyalezo wokuba abazali abakwazi konke okwenziwa ngabantwana babo √/abazali kuncinci abakwaziyo ngabantwana babo √// unxibelewano phakathi kwabantwana nabazali lunqongophele.√/√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)  
**[10]**

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO**

- 5.1 Uthi/uthe usoloko √ esiva √ kusithiwa ubani unengqondo efileyo. (2)
- 5.2 Sisibaluli.√ (1)
- 5.3 Sekukho nento ethi ingqondo kabani iyaphala.√/iyaphala.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.4 Njengentloko yesivakalisi √/njengentloko.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.5 Zibethwe √/Zitshiswe √/Zigqatswe.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.6 Sikwixesha elimiyo.√ (1)
- 5.7 Silandela intloko embaxa.√ (1)

5.8

|       | <b>KHOLOM A</b>                    | <b>KHOLOM B</b>                                |            |
|-------|------------------------------------|--|------------|
| 5.8.1 | Akukho mntu ulindele lukhulu kubo. | A Igatya eliyintloko.<br>B Igatya elayamileyo. | (1)<br>(1) |
| 5.8.2 | Kuba kusithiwa ngabantwana.        |  |            |

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELOC:** **30**  
**AMANQAKU EWONKE:** **70**